

## **UMASIPALA WASESTELLENBOSCH**

### **ISAZISO SOLUNTU NGOKUBHEKISELE KWISAHLUKO 84 SEMIMISELO YEENKONZO ZAMANZI KAMASIPALA WASESTELLENBOSCH, 2017**

Kunikezelwa ngesaziso sokuba uMasipala waseStellenbosch unyukela kwiNqanab lesi-5 leMiqathango yaManzi. Esi saziso siqalisa ukusebenza ukusukela kumhla wama-22 kuSeptemba 2017 kwaye imiqathango ekwiNqanaba lesi-5 ingolu hlobo lulandelayo:

#### **INQANABA LESI-5 LEMIQATHANGO YAMANZI**

UMasipala waseStellenbosch uza kumisela iNqanaba lesi-5 leMiqathango yaManzi, ukusukela kumhla wama-22 kuSeptemba 2017 kude kuphindwe kwaziswe.

#### **IMIQATHANGO ECHAPHAZELA ZONKE IIKHASTOMA**

- Bonke abasebenzisi bamanzi kufuneka bangasebenzisi ngaphezulu kweelitha ezingama-87 zamanzi okusela kamasipala umntu ngamnye ngosuku kwaye oko akunamkhethe wokuba usekhaya, emsebenzini okanye kwenye indawo.
- Ukunkcenkceshela ngamanzi okusela anikezelwa ngumasipala akuvumelekanga. Oku kuquka ukunkcenkceshelwa kwezitya zeentyatyambo, amabala engca, imifuno, izityalo zolimo, ezinye izityalo, amabala emidlalo, amabala egalufa, izikolo, izitya zezithole, iipaki nezinye iindawo ezivulekileyo, iikhastoma ezibandakanyeka kwimisebenzi yezolimo, njalo njalo. (Izitya zezithole kunye neekhastoma ezibandakanyeka kwimisebenzi yezolimo okanye kwizitya zembali zinokufaka isicelo sokungabandakanywa. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, tyelela ku-[www.stellenbosch.gov.za](http://www.stellenbosch.gov.za).)
- Amasebe kamasipala anokunkcenkceshela kuphela amabala ezemidlalo, iipaki, njalo njalo esebenzisa amanzi angaselwayo nangokwesivumelwano seentsuku namaxesha kunye neCandelo lezaManzi noCoceko.
- Amaziko/iikhastoma ezisebenzisa amanzi emingxunya yotsalo-manzi, amanzi alungisiweyo, amanzi omthombo, amanzi okunkcenkceshela okanye amapitsi ziyakhuthazwa ukuba zingankcenkcesheli zingakapheli iintsuku ezisixhenxe emva kokunetha kwemvula ethe yamanzisa ngokwaneleyo.
- Yonke imingxunya yotsalo-manzi namapitsi kufuneka abhaliswe kuMasipala kwaye kufuneka abonise uphawu olusemthethweni lukaMasipala waseStellenbosch ngokubonakalayo nangokucacileyo kwindawo engaphandle. Tyelela ku-[www.stellenbosch.gov.za](http://www.stellenbosch.gov.za) malunga nokubhalisa.
- Amanzi emingxunya yotsalo-manzi/amapitsi/okunkcenkceshela kufuneka asetyenziswe ngobunono ukunqanda inkcitho nokutsha kwawo apahela. Abasebenzisi bamanzi emingxunya yotsalo-manzi/amapitsi/okunkcenkceshela bayakhuthazwa ukuba bankcenkceshele ngooLwesibini nangeMigqibelo kuphela ngaphambi okanye emva ko-09:00 okanye emva ko-18:00 kangangeyure.
- Zonke iipropati apho kusetyenziswa amanzi angamanye angengawo lawo aselwayo (kuquka amanzi aqokelelweyo emvula, amanzi okuhlamba aphinda asetyenziswe, amanzi alungisiweyo namanzi omthombo) kufuneka zibonise uphawu oluchaza oku ngokubonakalayo nangokucacileyo kwindawo engaphandle. Tyelela ku-[www.stellenbosch.gov.za](http://www.stellenbosch.gov.za) ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe.

- Ukuhlamba okanye ukuhambisa ubumdaka ngethumbu lamanzi kwindawo enomgangatho oqinileyo okanye kwezinye iindawo eziyimigangatho ngamanzi okusela anikezelwa ngumasipala akuvumelekanga kwaphela. Abasebenzisi abafana neendawo zokuxhela, iindawo ezilungisa ukutya, iindawo zezibonelelo zonakekelo, iindawo ezigcina izilwanyana kunye namanye amashinini namaziko aneemfuno ezikhethekileyo (ezinxulumene nempilo/ukhuseleko kuphela) kufuneka zifake isicelo sokungabandakanywa. Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe, tyelela ku-[www.stellenbosch.gov.za](http://www.stellenbosch.gov.za).
- Ukusetyenziswa kwamanzi okusela anikezelwa ngumasipala kwimithombo yokuhombisa esebenzisa amanzi okanye izihombisi zamanzi akuvumelekanga.
- Ukugcwalisa (ukwenza ngokwakho okanye ngokuzenzekelayo) amadama okudada ngamanzi anikezelwa ngumasipala akuvumelekanga, nokuba afakelwe isogqumi sedama. Oku kuquka ukugalela amanzi kumadama okudada amatsha okanye ukuphinda ugalele amanzi kwidama lokudada esele likhona emva kokuba lilungisiwe. Oku kubandakanya onke amadama okudada, kuquka amadama okudada kawonke-wonke namadama eziklabhini, emashishinini nakumaziko. Ukwakhiwa kwamadama okudada amatsha akukhuthazwa ngethuba lokusebenza kwemiqathango ekwinqanaba lesi-5.

#### **IMIQATHANGO ECHAPHAZELA IIKHASTOMA ZAKWIINDAWO ZOKUHLALA**

- Iindawo ezihlala abantu ezizimeleyo (ezikuluhlu oluhlawula imirhumo epheleleyo) ezisebenzisa ngaphezulu kweelitha ezingama-20 000 (20kl) ngenyanga, ngaphandle kokuba itotali engama-87 kumntu ngamnye ingaphaya kwetotali engama-20kl apho itotali ebaliweyo kufuneka kungagqithwanga kuyo, ziza kuba netyala lokuhlawula isohlwayo esiyimvuma-tyala ngokuhambelana nezahluko ezahlukeyo zeMimiselo yeeNkonzo zaManzi. (Jonga inqaku 1 ngezantsi.)
- Izakhiwo ezixineneyo (umzekelo iiflethi neekhompleksi zezindlu) ezisebenzisa ngaphezulu komyinge weelitha ezingama20kl kwindlu nganye ngenyanga ziza kuba netyala lukohlawula isohlwayo esiyimvuma-tyala ngokuhambelana nezahluko ezahlukeyo zeMimiselo yeeNkonzo zaManzi. (Jonga inqaku 1 ngezantsi.)
- Ukuhlanjwa kweemoto, iinqwelana ezirhuqwayo, iikharaveni okanye izikhephe kusetyenziswa amanzi okusela anikezelwa ngumasipala akuvumelekanga. Ezi zinto kufuneka zihlanjwe ngamanzi angengawo owokusela okanye zicocwe ngeemveliso ezingasebenzisi manzi okanye ngeenkqubo zomphunga ezingasebenzisi manzi.
- Iikhastoma ziyakhuthazwa kakhulu ukuba zifakele izixhobo eziqinisekisa ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela eyiyo neyongayo, ezifana namalungu afakelwayo ezitephini, kwiintloko zeeshawa kunye nezinye izinto ezisebenza ngokukhupha amanzi ukwehlisa ukusetyenziswa kwamanzi.
- Uyakhuthazwa ukuba ugungxule kwizindlu zangasese (umzekelo xa ugalela amanzi ngokwakho ngebhakethi) usebenzisa amanzi okuhlamba aphinda asetyenziswe, amanzi emvula okanye amanye amanzi angengawo okusela.
- Ukusetyenziswa kwamachibi aphantsi okanye awethutyana okudada okudlala akuvumelekanga kwaphela.

- Akuzokuvunyelwa ukwenyuswa konikezelo lwamanzi afumaneka mahala ngaphezulu kweelitha ezingama-300 ngosuku, ngaphandle kokuba bekufakwe isicelo kwangaphambili kwaze kwanikwa imvume ngokunxulumene nemisebenzi ethile efana nemingcwabo.

lindawo zoshishino ngeendawo zokulala ezibhalisiweyo zingafaka isicelo sokungabandakanywa kodwa kuza kufuneka zinciphise usetyenziso lwamanzi luye kuma-30% ubuncinane ngaphantsi kosetyenziso lonyaka ka-2016 ngalo elixesha.

Ukusilela ekuthobeleni imiqathango kwakuba lulwaphulo-mthetho ngokweMimiselo yeeNkonzo zaManzi kaMasipala, 2017 (okanye njengoko ihlonyelwe). Ummangalelwa uza kuba netyala lokuhlawula izohlwayo, kunye/okanye, ngokuhambelana nesahluko sama-84(c), ufakelo lwesixhobo esilawula amanzi kwindawo leyo kungathotyelwa kuyo imiqathango. lindleko zokwenza oko ziza kuba zezomnikazi we-akhawunti. Lo mthetho usebenza ukususela umhla wama-22 kuSeptemba 2017.

### **IMIQATHANGO ECHAPHAZELA IIKHASTOMA ZAKWIINDAWO EZINGEZIZO EZOKUHLALA**

- Zonke iipropati kufuneka ziqinisekise ukuba usetyenziso lwamanzi anikezelwa ngumasipala lwenyanga luyancitshiswa ngama-20% xa kuthelekiswa nosetyenziso lonyaka ka-2016.
- Bonke abasebenzisi abangabezolimo kufuneka baqinisekise ukuba usetyenziso lwamazi anikezelwa ngumasipala lwenyanga luyancitshiswa ngama-30% xa kuthelekiswa mosetyenziso lonyaka ka-2016.
- Ukuhlanjwa kweemoto (kuquka iiteksi), iinqwelana ezirhuqwayo, iikharaveni okanye izikhephe kusetyenziswa amanzi okusela anikezelwa ngumasipala akuvumelekanga. Ezi zinto kufuneka zihlanjwe ngamanzi angengawo owokusela okanye zicocwe ngeemveliso ezingasebenzisi manzi okanye ngeenkqubo zomphunga ezingasebenzisi manzi. Oku kubhekiselele kukuhlanjwa kweemoto okwenziwa ngokoshishino okanye ngokunokwakho.

Ukusetyenziswa kwezifafazi zokunkcenkceshela ezipakini akuvumelekanga.

likhastoma kufuneka zifakele izixhobo eziqinisekisa ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela eyiyo neyongayo, ezifana namalungu afakelwa ezitephini, kwiintloko zeeshawa kunye nakwezinye izinto ezisebenza ngokukhupha amanzi kwiindawo zikawonke-wonke kwaye zithobeke iimfuneko zeMimiselo yezaManzi.

- Akuvumelekanga ukwenza ucando-lungiso lomhlaba olutsha okanye amabala ezemidlalo amatsha, ngaphandle kokuba kuza kunkcenkceshelwa ngamanzi angengawo awokusela.
- Ngokubhekiselele kubasebenzisi abanikwa amanzi ngokusekelwe kwizivumelwano ezikhethekileyo (uxwebhu olubhalwe ngokusemthethweni, abameli kwiinkonzo zamanzi okanye abanikezeli ngeenkonzo zamanzi), imimiselo yezivumelwano iya kusebenza.
- lindleko zokufakela isixhobo esithintelayo ziza kuba zezomnikazi we-akhawunti.

Ukusilela ekuthobeleni imiqathango kwakuba lulwaphulo-mthetho ngokweMimiselo yeeNkonzo zaManzi kaMasipala, 2017 (okanye njengoko ihlonyelwe). Ummangalelwa uza kuba netyala

lokuhlawula izohlwayo, kunye/okanye, ngokuhambelana nesahluko sama-84(c), ufakelo lwesixhobo esilawula amanzi kwindawo leyo kungathotyelwa kuyo imiqathango. Iindleko zokwenza oko ziza kuba zezomnikazi we-akhawunti. Lo mthetho usebenza ukususela umhla wama-22 kuSeptemba 2017.

## **INQAKU 1**

likhastoma ezinesizathu esibalulekileyo sosetyenziso olungaphezulu kufuneka zinike uMasipala inkcazelo efungelweyo efanelekileyo ethethelela usetyenziso olungaphezulu.

Amanye amayathelo ayimiqathango, angachazangwa ngasentla, njengoko echaziwe kwiMimiselo yeeNkonzo zaManzi, 2017, (okanye njengoko ihlonyelwe) isasebenza. Ukungabandakanyeki okukhutshwe phantsi kwemiqathango ekwiNqanaba elingu-4B isasebenza, ngokuxhomekeke kuhlaziyo olungabangela ukuba irhoxiswe. Uxinzelelo lwamanzi lungancitshiswa okanye luphazamiseke ukunqanda ukuvusa kwamanzi kwaye oku kungabangela unikezelo lwamanzi oluphazamisekayo.

Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe tyelela ku-[www.stellenbosch.gov.za](http://www.stellenbosch.gov.za) okanye uqhagamishelane nathi ku-[water.restrictions@stellenbosch.gov.za](mailto:water.restrictions@stellenbosch.gov.za) okanye ku-021 808 8215 okanye 021 808 8953.